Isalathiso: 20161117-6226
9/1/2/231
Imibuzo: DR HA BRAND

ISetyhula: 0050/2016
Umhla wokuphelelwa: Awukho

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kwiiNtloko zoQuquzelelo neNgcebiso ngezeKharityhulam, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBacebisi ngeZifundo nakwiiNqununu zazo zonke izikolo zikarhulumente eziqhelekileyo

Isishwankathelo esifutshane: Ukuxhobisa ootitshala ngenkqubo yethekhinoloji i-*eLearning*

Isihloko: Ukuxhobisa ootitshala ngenkqubo yethekhinoloji i-*eLearning*

1. ISebe leMfundo leNtshona Koloni (i*WCED*) ngokwenjenje livakalisa umbulelo nothakazelo olungazenzisiyo ngendlela izikolo nootitshala abaye bazamkela ngazo iinkqubo eziphathelele ekuqalisweni kwenkqubo yethekhinoloji i-*eLearning Game Changer*. ISebe i*WCED* lizibandakanye kwinkqubo yekhondo elidala umdla lokunika izikolo iziseko zophuhliso zekhompyutha (*digital infrastructure*) (umz. i-*LAN*, i-*WAN*, i-*software* ne-*hardware*) kwithuba elithile nokuzixhobisa ngezomsebenzi kootitshala neenqununu ukwenzela ukuba baqiniseke ngokusebenzisa ngokukhulayo ubuchule benkqubo yethekhinoloji i-*eLearning* ukuphucula umgangatho wokufunda nokufundisa.

2. Lo gama iSebe i*WCED* liya kudlala indima yalo ekuncediseni nasekulawuleni le nkqubo, impumelelo yeli phulo ixhomekeke kubunkokeli besikolo eso. Iinqununu nabaphathi abasezikolweni kufuneka badale imeko eyenza kube lula kootitshala ukuphononongo yaye basebenzise la mathuba ethekhinoloji i-*digital technology* ukwandisa ulwazi lwabafundi lweendlela ezizisa izisombululo kumanqanaba ahlukeneyo nakumajelo ezonxibelelwano ale mihla.

3. Zibaluleke gqitha iinqununu nootitshala abakuvumayo ukuthatha uxanduva lokusebenzisa naliphi ithuba ekuziphuculeni kumsebenzi wabo wokufundisa ukwandisa ubuchule nokusebenza ngempumelelo ekulawuleni isikolo, ekufundiseni eklasini nakuvavanyo oluqhubekela esikolweni.

4. Ukwenzela ukuba kuxhaswe iinqununu nootitshala njengoko besiya bezixhobisa ngokungaphezulu kumsebenzi wabo, iSebe i*WCED* lize nenkqubo egxininisa ekuphuhliseni ubuchule equka amanqanaba amahlanu ezakhono zobuchule (*five levels of competence*).

5. Iindidi ngeendidi zeeprogram ezigxininisa ekuphuhliseni izakhono ngokwamanqanaba ziye zangqinelaniswa nala manqanaba apho ootitshala neenqununu banokwalatha yaye bakhethe iikhosi eziya kuphucula inqanaba abakulo ngoku lesakhono sobugcisa kwanobuchule babo bokubandakanya esi sakhono kwizifundo zabo okanye ekulawuleni nasekuphatheni isikolo (s*chool administration and management*).

6. Le miba ilandelayo iya kunceda ootitshala ekwenzeni ezona zigqibo zingcono zophuhliso lwezakhono zomsebenzi:

6.1 Iimvavanyo zobuchule (*Competency asssessments)*

6.1.1 Injongo isekubeni bonke ootitshala mabazithathele izigqibo ngenqanaba abakululobuchule ngokusebenzisa uvavanyo lobuchule bokusebenzisa ithekhinoloji olunokwenziwa ekhompyutheni okanye kwiselula.

6.1.2 Lwakuba lugqitywe uvavanyo lobuchule bokusebenzisa ithekhinoloji, ootitshala baya kwaziswa malunga nenqanaba labo lobuchule bokusebenzisa ithekhinoloji. Imenyu yeekhosi ezinokubakho ukuxhobisa utitshala nangaphezulu ziya kunikwa ukwenzela ukuba zifumane ukuqwalaselwa.

6.2 Uqeqesho

6.2.1 Iikhosi ziya kuqhutyelwa e-*Cape Teaching and Leadership Institute* (*CTLI*), e-*Centre for e-Innovation*) (*CeI*), nguNdlunkulu naziingcali zezifundo kwizithili. Ezi khosi neenkqubo zokubhalisa ezichaphazelekayo ziya kwaziswa ngala maqumrhu.

6.2.2 Amaqumrhu abucala namaqumrhu amaziko anjengo*Microsoft* no-*Google* kunye namanye aqhuba iiprogram ezikumgangatho ophezulu ezinokuqwalaselwa.

6.2.3 Ngokwesiqhelo, iikhosi zenziwe ngenjongo yokuba uthatho-nxaxheba luqhubeke, nokuba lwenzeka kujongenwe ubuso ngobuso, ngo-intanethi okanye iinkqubo ezidibeneyo (*blended*). Iindlela ezisetyenziswayo zokuqhuba ezi khosi ziya kuchazwa. Kubaluleke gqitha ukuba ootitshala benze indlela eyeyabo yokuphuhlisa izakhono zamakhondo abo ngokusekelwe kwiimfuno zabo zomntu ngamnye yaye mabangayi nakweyiphi indibano yoqeqesho bengakhange baqale baqonde ukuba ingaba ayizokuphinda-phinda okwakufundiswe kwiindibano zoqeqesho ezigqithileyo na.

6.3 Imisebenzi eyenziwa eklasini neeprogram zophuhliso

6.3.1 Ekuqaleni, ootitshala mabagxininise ekufumaneni izakhono zethekhinoloji ezifunekayo ukwenzela ukuba babe nolwazi lweekhompyutha kwanokusebenzisa iiprogram zee-*software*.

6.3.2 Nakuba kunjalo, ukufumaneka kwalo naliphi inqanaba lobuchule bezakhono zobugcisa (*technical ability*) akuthethi kusetyenziswa ngoko nangoko kwesi sakhono eklasini ngeenjongo zokufundisa.

6.3.3 Ootitshala mabazenzele amalinge abo ngenjongo ethile, bafune neengcebiso baze badibanise nezakhono zethekhinoloji ezibubuchule kwezemfundo ukuphuhlisa amava okufunda nokufundisa imihla ngemihla.

7. **Ubhaliso**

7.1 Ootitshala baya kufumana ingcaciso kwangexesha ngeekhosi ezikhoyo abanokuzenza ukuphucula izakhono zabo kunye nokuzisebenzisa xa befundisa.

7.2 Oku kuya kubandakanya kwakhona iinkqubo zobhaliso.

8. **Ukuvunywa ngokusemthethweni neekhredithi ze-C*ontinuing Professional Teacher Development*) (*CPTD*)**

Ootitshala mabangqinisise ukuba ingaba uhlobo lwekhosi ethile seyivunyiwe na ngokusemthethweni ukwenzela ukuba babe nokufumana iikhredithi ze-*CPTD* phambi kokuba kuqhubeke nayo nayiphi ikhosi engophuhliso lomsebenzi. Abaququzeleli mabayazise ngokuthe gca le ngcaciso.

9. **Iinkqubo zokuqaliswa kweekhosi zophuhliso**

Iinkqubo zeekhosi zophuhliso lootitshala neenqununu yinkqubo engumngeni gqitha. Izikolo kufuneka ngoko ke ziyithakazelele inkqubo yokuqalisa iikhosi zophuhliso kumaqela athile athagethiweyo oko kusenziwa ngokulandela inkqubo ecwangcisiweyo.

10. Sizothulela umnqwazi izikolo, iinqununu nootitshala ngawo onke amalinge abo okuzisa amava amatsha okufunda nokufundisa abafundi bethu ukuze bafumane awona mathuba angcono emfundo exesha elizayo.

ISAYINWE: NGU - BK SCHREUDER
INTLOKO EBAMBELEYO: YESEBE LEMFUNDO
UMHLA: 2016-11-26